basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

AMANQAKU	

UVAVANYO LONYAKA NONYAKA KUZWELONKE LWAMA-2014
IBANGA 3 ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA
UVAVANYO

AMANQAKU: 40

IXESHA: 1 IYURE

IPHONDO: _____

ISITHILI: _____

ISEKETHE: _____

IGAMA LESIKOLO: _____

INOMBOLO YE-EMIS (9 iidijithi)

IBANGA (umz. 3A) _____

IFANI: _____

IGAMA: _____

ISINI (✓)

INKWENKWE	

INTOMBAZANA	

UMHLA WOKUZALWA

C	C	Y	Y	M	M	D	D

Olu vavanyo lunamaphepha ali-12 ngaphandle koqweqwe.

Imiyalelo kubafundi:

1. Funda yonke imiyalelo nemibuzo ngocoselelo.
2. Phendula yonke imibuzo kwizithuba ozinikiweyo kweli phepha.
3. Utitshala uya kukuncedisa ngemizekelo yokuziqhelisa phambi kokuba uqalise ukubhala uvavanyo.
4. Uvavanyo luyimizuzu engama-60.

Imizekelo yokuziqhelisa

1. Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.

Iinkomo zisinika ...

A isonka.

(B) ubisi.

C i jem.

D iti.

Uphendule ngokuchanekileyo ukuba ubiyele u-B.

2. Biyela izenzi

Yena (uyahamba) kodwa, yona (iyabaleka.)

Uphendule ngokuchanekileyo ukuba ubiyele amagama u 'uyahamba' no 'uyabaleka'.

3. Fakela uphawu (x) kwibhokisi esecaleni kwempendulo echanekileyo.

Ilanga lisinika u ...

manzi	
kutya	
kukhanya	x
moya	

Uphendule ngokuchanekileyo ukuba ufake uphawu (x) phakathi ebhokisini esecaleni kwegama u'kukhanya'.

4. Ezi zivakalisi zilandelayo zisixelela ngendlela yokuhlamba amazinyo.

Nombola izivakalisi ezikwibhokisi engezantsi ngamanani 1-4 ukubonisa indlela ohlamba ngayo amazinyo akho.

Manzisa ibhrashi.	
Pula umlomo wakho.	
Xukuxa amazinyo.	
Uze ubeke intlama yamazinyo kwibhrashi.	

Uphendule ngokuchanekileyo ukuba izivakalisi uzinombole zalandelelana ngolu hlobo:
1, 4, 3, 2.

Kuvavanyo lwakho uza kuphendula eminye imibuzo efana nale ugqiba kuyiphendula.

Uvavanyo luqala kwiphepha elilandelayo.

Funda eli bali uze uphendule imibuzo 1-6.

"Ndinxaniwe!" Wakhwaza uMbovane.

"Kutheni ungayi kusela emlanjeni nje?" Waphendula uHobe kumthi okufutshane ehlathini apho. "Ulumke ungaweli emanzini."

Wabaleka uMbovane ukuya emlanjeni waza wasela. Ngephanyazo umoya omkhulu waphephethekisela uMbovane emanzini.

"Ncedani!" Wakhala uMbovane. "Ndiyeyela!"

UHobe waqonda ukuba kufanele ancede uMbovane ngokukhawuleza. UHobe waqhawula igqabi emthini, wabhabha phezu kwamanzi waze wawisa igqabi emanzini. UMbovane wakhwela phezu kwegqabi waze wahamba namanzi ngokukhuselekileyo ukuya emhlabeni owomileyo.

Emva kweentsuku ezimbini uMbovane wabona umzingeli ebeka umgibe wokuthiyisela uHobe. UMbovane waqonda ukuba kufanele amsindise ngokukhawuleza uHobe, ngako oko wenyuka ngomlenze womzingeli waze wamluma eqatheni.

"Yho!" Wakhala umzingeli. UHobe wamva umzingeli waze wabhabha waya kuzifihla ngokukhuselekileyo emthini.

[*Icatshulwe yaze yabaliswa ngu Ann McGovern*]

1. Nika eli bali isihloko/igama.

.....

2. Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.
Abalinganiswa abaphambili kweli bali ngoo...

A Mbovane noNdlovu.

B Mbovane noMpuku.

C Mbovane noHobe.

D Mbovane noSana.

3. Fakela uphawu (x) ebhokisini enempendulo echanekileyo.
UMbovane noHobe babehlala e...

ntabeni	
hlathini	
ndlwini	
ndlwaneni	

4. Landelelanisa iziganeko ngokwasebalini.
Nombola izivakalisi ngamanani 1-4 kwibhokisi echanekileyo.

"Kutheni ungayi kusela emlanjeni nje?"	
UHobe wabhabha phezu kwamanzi waze wawisa igqabi emanzini.	
"Ncedani!" Wakhala uMbovane. "Ndiyeyela!"	
"Ndinxaniwe!" Wakhwaza uMbovane.	

5. UMbovane waluma umzingeli eqatheni. Kwakutheni ukuze uMbovane alume umzingeli eqatheni?

UMbovane waluma umzingeli eqatheni kuba .....

.....

.....

6. Ucinga ukuba uMbovane noHobe baba ngabahlobo? Ngokuba?

Ndicinga ukuba uMbovane noHobe.....

.....

.....

7. Jonga lo mfanekiso uze uphendule imibuzo 7.1 no7.2.

7.1 Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.
Le venkilana yenza intengiso ye...

A lekese
B mpahla
C zilo-qabane
D ntyatyambo

7.2 Fakela uphawu (x) kwibhokisi enempendulo echanekileyo.
Isilwanyana esingathengiswayo kwivenkilana yezilo-qabane yi...

ndlovu	
mivundla	
kati	
njana	

8. Funda:

8.1 Izichazi zichaza abantu okanye izinto.
Biyela izichazi **ezibini** kwisivakalisi.
Indlovu enkulu yatshiza inkawu emnyama ngamanzi.

8.2 Isibizo ligama lomntu, lento nelendawo.
Biyela izibizo **ezibini** kwesi sivakalisi silandelayo.
Abantwana babukela izilwanyana emyezweni.

8.3 Isihlanganisi ligama elidibanisa izivakalisi ezibini.
Biyela isihlanganisi kwisivakalisi ngasinye.

a. Iimbovane zithanda izinto eziswiti kwaye ziyawathanda namanzi.

b. Imivundla ithanda iminqathe kodwa ayizithandi iibhanana.

9. Bhala kwakhona ezi zivakalisi zilandelayo ngokwamaxesha owanikiweyo.

9.1 Ixesha langoku.
Iinkawu zakhwela emthini omkhulu weebhanana.

.....

.....

9.2 Ixesha langoku.
Ingonyama yatsibela impukwana.

.....

.....

9.3 Ixesha eladlulayo.
Ingwe ileqa ibhabhathane.
.....
.....

9.4 Ixesha eladlulayo.
Umalume uvula ucango lwendlu yakhe.
.....
.....

10. Jonga le mit'anekiso uze ugqibezele izivakalisi.

10.1 UKhaya uyathanda ukuhamba nesilwanyana sasekhaya esiyi 
.....

10.2 Ndithanda ukuhlambela e ..... enkulu.

10.3 ULisa une ..... esisilo-qabane.

11. Bhala kwakhona ezi zivakalisi.

Fakela iimpawu ezimbini zokubhala kwisivakalisi ngasinye.

11.1 inqwelo-moya yabhabhela phezulu esibhakabhakeni

.....

.....

11.2 liphi itikiti lam lebhasi

.....

.....

11.3 Zingaphi iibhasi iiteksi neemoto ezilapho

.....

.....

.....

12. Lungisa izenzi ezikrwelelweyo uze uzit'akele kwizithuba ozinikiweyo.

12.1 Amakhwenkwe akhwela amahashe ukuya esikolweni.

kodwa

Inkwenkwe ..... ihashe ukuya esikolweni.

12.2 Umgcini-zinyosi uqhumisela iinyosi.

kodwa

Abagcini-zinyosi ..... iinyosi.

13. Funda le theyibhile ilandelayo uze uphendule imibuzo 13.1-13.3.

Izithuthi eziya esikolweni					
Igama	**Mvulo**	**Lwesibini**	**Lwesithathu**	**Lwesine**	**Lwesihlanu**
Menzi	bhasi	bhasi	teksi	bhasi	loliwe
Ben	teksi	bhasi	teksi	loliwe	loliwe
Linda	loliwe	teksi	bhasi	bhasi	loliwe
Nandi	bhasi	teksi	bhasi	bhasi	loliwe

13.1 UMenzi noNandi bahamba ngebhasi bobabini ngoMvulo.
Loluphi olunye usuku apho baphinda bahambe bobabini ngebhasi?

.....

13.2 Kwezi ntsuku kukho usuku apho bonke abafundi bakhwela uhlobo olunye lwesithuthi.
Loluphi olu hlobo lwesithuthi balusebenzisayo?

.....

13.3 NgoLwesine uBen uhamba ngololiwe aze uLinda ahambe nge.....

14. Funda le grafu uze uphendule imibuzo 14.1-14.2.

Iprojekthi yezilwanyana



14.1. Thelekisa inani lezilwanyana ezisetyenziswa ngabafundi kumsebenzi wabo.

Sesiphi isilwanyana esisetyenziswa kakhulu?

Biyela unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

A Indlovu
B Inkawu
C Iqwarhashe
D Ingonyama

14.2 Biyela unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.
Zininzi kangakanani iindlovu ezisetyenzisiweyo kuneengonyama.

A 1

B 5

C 3

D 4

15. Bhala umhlathi **omnye** ubuncinane ibe zizivakalisi ezisi-8 zizonke ngabahlobo.
Qinisekisa ukuba usebenzisa iziphumlisi, igrama, nopelo oluchanekileyo.
Ungazinomboli izivakalisi.

Abahlobo

.....

.....

.....

.....

.....

.....

.....

.....

.....

.....

EWONKE: 40